## IMIYALELO NENGCACISO

1. Eli phepha lemibuzo LINAMACANDELO AMATHATHU:

| | | |
|---|---|---|
| ICANDELO A: | Uvavanyo Lokuqonda | (30) |
| ICANDELO B: | Ushwankathelo | (10) |
| ICANDELO C: | Izakhi nemigaqo yokusetyenziswa kolwimi | (30) |

2. Funda YONKE imiyalelo ngocoselelo.

3. Phendula YONKE imibuzo.

4. Qala ICANDELO NGALINYE kwiphepha ELITSHA.

5. Krwela umgca ekupheleni KWECANDELO NGALINYE.

6. Nombola iimpendulo zakho kanye ngokwendlela ekunonjolwe ngayo kweli phepha lemibuzo.

7. Shiya umgca emva kwempendulo nganye ukuze umsebenzi wakho ungaxinani.

8. Qwalasela ngeliso elibukhali upelo nolwakhiwo lwezivakalisi.

9. Iingcebiso malunga nolwabiwo lwexesha:

   ICANDELO A: Imizuzu engama-50
   ICANDELO B: Imizuzu engama-30
   ICANDELO C: Imizuzu engama-40

10. Bhala ngokucacileyo nangokucocekileyo.



Hosted by www.ecexams.co.za.

## ICANDELO A: UVAVANYO LOKUQONDA

### UMBUZO 1: UKUFUNDELA INTSINGISELO NOKUQONDA

Funda IZICATSHULWA A no B ezingezantsi uze uphendule imibuzo esekwe kuzo.

### ISICATSHULWA A

**IHOSTELE YESIKOLO**

1 Kwinani lezikolo esinazo kwilizwe loMzantsi Afrika, isithathu eshumini zizikolo ezineehostele apho abantwana bahlala ndawonye, balaliswe emagumbini alungiselelwe usapho oluninzi. Kwimihla yangaphambili, izikolo ezineehostele zazimbalwa kwaye zazidumile. Kokukunqaphazeka kwazo ke okukwabanga ukuba zithandwe, aze athi lowo uthe wanenxaxheba yokufunda kuzo azive ukuba ngenene uwelwe ngumqa esandleni. Unobangela wolu vuyo kukuba zidla ngokuba neziphumo ezihle, ingakumbi kwibanga le-12.

2 Kukho umahluko omkhulu kwiihostele zakudala nezalemihla. Ukuba umntu uqwalasele iihostele zanamhlanje, wofumana umahluko omkhulu kwizakhiwo, kwizinto ezisetyenziswayo ngaphakathi, kwinkangeleko nakwifenitshala kunezo zakudala. Ezanamhlanje zona zikumgangatho wezo zaseYunivesithi. Njengoko uninzi lwabantwana lusuka kumakhaya asemaphandleni luthi lufumane uqeqesho olusulungekileyo kwizinto ngezinto. Abantwana bafundiswa ukuba phambi kokuba beze eholweni lokutyela, mabahlambe, banxibe kakuhle kungabikho mntwana uya engakamanga nonganxibanga ngokupheleleyo. Abanye abancedisi-hostele bade babaqeqeshe ukuba bendlule kuqala, baqoqoshe yonke into phambi kokuba baye kutya. Into nganye yenziwa ngomthetho namaxesha ngokuphulaphula iintsimbi.

3 Xa kutyiwa kufuneka kutyiwe ngendlela ebukekayo kungabikho mntu ungxavula izinto nochithayo. Ubuxumbululu abuvumeleki. Iba ngumbono ombi apho kungekho ngqeqesho ipheleleyo, apho ufika isisiphithiphithi eholweni ingulo esiya apho athanda khona, efuna le nale engenasizinzo. Abantwana abaqeqeshekileyo bayazi ngexesha lokufunda ukuba naxa bafunda kunye makuthi cwaka, ibe ngulowo aqwalasele ezakhe iincwadi angaphazamisi omnye.Xa abantwana bengaqeqeshekanga ngokupheleleyo kuye kunyanzeleke ukuba kubekho iitishala ezibagadayo. Kanti xa umthetho usaziwa akubikho mfuneko yaloo nto kuba bakhona abantwana abenziwa iiprifekti abakwaziyo ukubagada abanye abantwana kuqhutywe umsebenzi.



Hosted by www.ecexams.co.za.

4 Ngaxa limbi, ukuba le ngqeqesho ayikhange **yendele**, kulula ukubona ubundlobongela buqhubeka ngexesha lezifundo. Kubayingxolo, ukonakaliswa kwezinto, ukuxabana nokuchukelana kwabafundi. Kulula ukubona kunxilwa ngexesha lokufunda. Kwesinye isikolo kwakha kwenzeka isishiqi sokuxabana kwamakhwenkwe ngexesha lokufunda ngorhatya. Le ngxabano yanqandwa ngamanye amakhwenkwe kodwa yathi kwakufikwa ehostele yaqala phantsi yagqibela ngesidumbu esabangwa kukuhlatywa ngemela. Kwathi kwakuphandwa, kwafumaniseka ukuba le nkwenkwe isebenzise imela eyayiyinyengezelwe ngexesha lokuya kufunda, yayakusela yabuya yanxilela amanye.

5 Ukusebenza ngezandla yenye yezinto eziyimfundiso ebantwaneni. Abantwana abangayiqhelanga le nto kwasemakhaya bayabonakala kuba umsebenzi bawuthatha njenge sohlwayo esibangela imbandezelo emzimbeni, kwanoxinzelelo lomphefumlo. Abancedisi okanye abaphathi abawaziyo umsebenzi wabo, badla ngokucwangcisa uludwe lwemisebenzi ekufuneka yenziwe ehostele enjengokuhlamba izitya, ukucoca izindlu, amabala, izindlu zangasese, ukuhombisa izikolo, ihostele, ukulima iigadana zehostele, njalo njalo. Naxa le misebenzi idla ngokwenziwa ngabantu abaqeshiweyo ngokwesiqhelo, ihostele idla ngokusebenzisa abantwana ngenjongo yokubafundisa ukuzihlalela emizini nasezindaweni zabo kumaxesha azayo.

6 Abantwana bayabiwa bayenze le misebenzi <u>beziziqhu ngeziqhu</u>. Ukuba banetitshala ebajongayo, iqwalasele ukuba le misebenzi yenziwa kakuhle, sitsho isikolo okanye ihostele iqaqambe ngokucoceka. Kanti ke apho le misetyenzana ingahoywanga wofika isikolo sikhangeleka mdaka kukho amaphepha athe saa; iindonga zimdaka, iifestile zikrobokile, amabala ezele ingca neendledlana zinyhukunyhuku ludaka.


7 Ezinye izikolo zide ziqaqambe kweli cala lokuhombisa iiyadi zazo kuba wofika kutyalwe iintyantyambo nemithana emifutshane. Kudla ngokubekwa abantwana ukuba baluse ezi ntyatyambo ngokuzinkcenkceshela nokuzihlakulela. Njengoko ingqondo yomntu isoloko ifuna ukusetyenziswa, kudla ngokubakho inkqubo esoloko ikho yokonwabisa abantwana. Ngaphandle nje kokubonwabisa, ibagcina benento yokwenza. Bayadlaliswa rhoqo imidlalo enjengombhoxo, ibhola ekhatywayo eyomnyazi, eyeqakamba, ingxoxo zabafundi, eyamanqindi, imidaniso, umculo, kwaneminye imidlalo. Zezona zinto zidla ngokuthandwa ngabafundi ezi kuba zidla ngokubadibanisa, into ke leyo ethandwa kakhulu.

8 Ukuba ubalandele aba bantwana bakushiya isikolo, wophawula ukuba ezi mfundiswana zasehostele bazibambile kwaye bayazisebenzisa kuba inkangeleko le yabo nesimo esi sicacisa ingqeqesho umntwana awayifumana esikolweni. Bathi abo baqaqambileyo ekuziphatheni nasekuzibonakaliseni ekuyibambeni imithetho, babe ziinkokheli eziphum'izandla neziphumelelayo esizweni nasehlabathini jikelele. Bakhanye bagqame kanye oku kweenkwenkwezi zona zishiyana ngobuqaqawuli.

[Sicatshulwe kwincwadi ethi *'IPHULO* ebhalwe ngu-K.S Bongela, iphepha 78–80, saze sahlelwa]


Hosted by www.ecexams.co.za.

## ISICATSHULWA B: OKUBONWAYO



[Sicatshulwe kwi-intanethi https://www.childreninthewilderness.com. Saze sahlelwa.]

## ISICATSHULWA A

**Jonga kumhlathi woku-1.**

1.1 Xela umyinge wothelekelelo lwamanani eehostele kwizikolo zoMzantsi Afrika. (1)

1.2 Chonga ibinzana kulo mhlathi, elintsingiselo yalo ithetha “ukuba nethamsanqa”. (1)

**Jonga kumhlathi wesi-2.**

1.3 Khankanya izinto zibe mbini ezithi zifundiswe abantwana abahlala ehostele. (2)

1.4 YINYANI / BUBUXOKI ukuba umbhali wenze uthelekiso phakathi kweehostele zakudala nezanamhla? Xhasa impendulo yakho. (2)

**Jonga kumhlathi wesi-3.**

1.5 Caphula isivakalisi kulo mhlathi esinokuthi simkhokelele umfundi kwiziphumo zempumelelo esemagqabini. (2)



Hosted by www.ecexams.co.za.

1.6 Khetha impendulo engangqinelaniyo nezi zivakalisi zikumhlathi wesithathu.

A Xa kutyiwa kufuneka kutyiwe ngendlela ebukekayo.
B Kubekho umntu ongxavula izinto nochithayo.
C Ubuxumbululu abuvumeleki.
D Iba gumbono ombi apho kungekho ngqeqesho. (1)

**Jonga kumhlathi wesi-4.**

1.7 Nika intsingiselo yegama eibhalwe ngqindilili eli kulo mhlathi wesi-4. (2)

1.8 Ngqina uluvo lombhali oluthi "abantwana abangawuqeqeshelwanga umsebenzi bawuthatha nje ngesohlwayo", uxhase impendulo yakho. (2)

1.9 Nika ingcamango ephambili yalo mhlathi-4. (2)

1.10 Ucinga ukuba ukuhlatywa ngemela komnye umfundi kwesi sicatshulwa kwaphenjelelwa yintoni? (2)

**Jonga kumhlathi-6.**

1.11 Nika isithetha-ntonye segama elikrwelelwe umgca ngaphantsi. (1)

1.12 Nika ingcebiso nongenelelo lwephulo lokwenyusa ingxowa-mali yesikolo olunokwenziwa zizikolo ezisenengxaki yamaphepha athe saa, ukuze zihlale zicocekile. (2)

**Jonga kumhlathi-7.**

1.13 Kwezi ndidi zemidlalo zikhankanywe kumhlathi-7, loluphi udidi lomdlalo olunokunceda umfundi abeneziphumo ezisemagqabini. Xhasa impendulo yakho. (2)

**Jonga kumhlathi-8.**

1.14 Ucinga ukuba lo mhlathi unganako ukutshintsha iingqondo zabafundi abangawuthandiyo umsebenzi wezandla? Xhasa impendulo yakho. (2)

**IMIBUZO KWISICATSHULWA A no B**

1.15 Xela izinto zibe mbini ezenzeka emfanekisweni. (2)

1.16 Umfanekiso okwisicathulwa B ungqinelana nawuphi umhlathi kwisicatshulwa A?, Xhasa impendulo yakho. (2)

1.17 Xela imfundiso efumaneka kwezi zicatshulwa zozibini. (2)

**AMANQAKU ECANDELO A: 30**



Hosted by www.ecexams.co.za.

## ICANDELO B: ISISHWANKATHELO

## UMBUZO 2: UKUSHWANKATHELA NGAMAZWI AKHO

### ISICATSHULWA C

**QAPHELA:**

- Funda ngocoselelo esi sicatshulwa singezantsi **singeengcebiso onokuzilandela, ukuze uphucule izinga lempumelelo kwizifundo zakho**, uze ushwankathele ngamazwi akho unike iingcebiso onokuzilandela ukuphucula izinga le mpumelelo kwizifundo zakho.
- Impendulo yakho mayingadluli kumagama angama-70.
- Shwankathela **ngokomhlathi kuphela,** kodwa isishwankathelo sakho masiquke iingongoma ezi-7. (7)
- Bhala inani lamagama owasebenzisileyo kwizibiyeli.
- Akulindelekanga ukuba ubhale isihloko sesishwankathelo.
- Qaphela indlela echanekileyo yokusetyenziswa kolwimi, iimpawu zobhalo nococeko. (3)

**IINGCEBISO ONOKUZILANDELA UKUZE UPHUCULE IZINGA LEMPUMELELO KWIZIFUNDO ZAKHO.**

1 Le nto ikukoyika apha emntwini idaliwe, de kuthi kratya xa lo mntu eza kuqubisana nomngeni. Wobona ke abantu behamba befuthuza bekhangela isitya ebumnyameni kuba ke enyanisweni, akakho umntu ongayifuniyo impumelelo. Phambi kokuba kuchotshelwe iimviwo, iSebe lezeMfundo likhupha isicwangciso samaxesha okubhalwa kwazo.

2 Qala namhlanje wenze isicwangciso sakho senkqubo yezifundo zakho, ngokwendlela yeminqweno yempumelelo ofuna ukuyifezekisa. Ukwenza into eyenziwa ziitshomi zakho, wena buqu ungazazeleleli, kufana nqwa nokuzeyelisela kumlambo onomsinga omanzi ahamba ngezantya eziphezulu. Zibeyintoni ke iziphumo zoko? Ukuba awuzazi, hayi ke nam andizazi.

3 Ukuba iitshomi zakho ziyakwazi ukufunda kwindawo enengxolo nesigxumgxum esinendawo ephithizela abantu, ingaba wena iyakulungela lo nkqubo? Ukufunda kwindlu enomabonakude kona kuyakunceda? Ukunxiba iifowuni zendlebe kona, lo gama ukwiphulo lokufunda ingaba kuyakulungela? Ibaphi yona imfonomfono yakho ephathwayo? uyifunda nini imiyalezo yakho ebaluleke ngaphezu kwale nkcitha-xesha yokufunda uyenzayo?



Hosted by www.ecexams.co.za.

4 Ngokungena kumakhasi onxibelelwano afana nooFacebook kupholisa ingqondo. Andibi na? Yiyo ke le nto uzakuzibona sele ugaxeleka kwiindawo ezingendawo neetshomi ezingalunganga. Khumbula kaloku, asizizo zonke iitshomi eziziitshomi. Musa ukulinda yonke into kutitshala wakho.Seka iqela labafundi enizakuthi nincedisane ngokwabelana ngomsebenzi wezifundo zenu.

5 Yiba nenxaxheba ebalulekileyo oyenzayo kwiqela ofunda nalo ngokuncedisa abanye oogxa bakho xa kufuneka kucaciswe izifundo, oko kukuncedisa ekubethelelekeni kolwazi lwesifundo eso.

6 Ukuhlala phezu kwebhedi xa ufunda kungayingozi. Khumbula kaloku ukuba ilungiselelwe ukulala hayi ukufunda. Ingqondo yakho ke uyayixakekisa ukuba yona yazi nto-nye, ubuthongo xa usebhedini qwaba! Ungandingqinela nawe mfundi xa wawukhe wagaxeleka kwisihendo sokufunda uhleli phezu kwebhedi. Fundela kwindawo engenangxolo ibenesitulo, itafile kwaye ibenokukhanya okwaneleyo nokufanayo, nokukwela gumbi lokubhalela iimviwo zakho. Ngalo ndlela amehlo wakho akabi phantsi koxinzelelo olukhulu. Ngeempela-veki yithi pheselele ubethwe ngumoya maan neempintshi zakho khe ubangenele kwiindawo zemijuxuzo. Elabadala ke alidliwa mpuku kuba bathi, "isala kutyelwa sibona ngolophu". Ukuziqhelanisa nendlela yokuqinisekisa ukukhumbula okufundileyo, ngokuthi rhoqo udibanise iindlela ezinjengokubhala, ukuzoba, ukushwankathela, ukucula okanye ukufundisa umhlobo wakho ukwandisa ukuqonda. Elo ke liseko lakho lempumelelo kwizifundo zakho.

7 Bhala ubuncinane amagama angama-400 rhoqo ngosuku ukukhumbuza ingqondo ngoko ukufundileyo. Bambi abafundi bagxotha ubuthongo ngokufaka iinyawo zabo ekomini enamanzi abandayo. Akuqondi ukuba oko kukuzibizela umkhuhlane nongafunekiyo ngeli thuba lokujongana neemviwo? Iindlela ezintsha zokufunda ongaziqhelanga ezifana nokunkqaya zingangakulungeli, ngoko ke hambela kude nazo. Ngexesha leemviwo, fika kwangethuba kwigumbi ozakubhalela kulo, oko kuya kukunceda ukwazi ukuthomalalisa ixhala, ukwazi ukucwangcisa umsebenzi wakho kakuhle.

[Sicatshulwe kwi-intanethi www.googlesearch.com, saguqulelwa, saze sahlelwa]

**AMANQAKU ECANDELO B: 10**



Hosted by www.ecexams.co.za.

## ICANDELO C: IZAKHI NEMIGAQO YOKUSETYENZISWA KOLWIMI

### UMBUZO 3: UKUHLALUTYA INTENGISO

Funda le ntengiso ingezantsi (ISICATSHULWA D) uze uphendule imibuzo esekwe kuyo.

### ISICATSHULWA D




[Sicatshulwe kwi-intanethi www.istore.co.za, saguqulelwa esixhoseni, saze sahlelwa]

3.1 Xela ukuba kuthengiswa ntoni kwesi sibhengezo. (1)

3.2 Sithini iSlogan sesi sibhengezo-ntengiso? (1)

3.3 Khankanya imisebenzi ibe mibini eyenziwa yile mveliso ikwisibhengezo, nenokuba luncedo kwimpilo yomthengi. (2)

3.4 Xela iinjongo zomthengisi ezibangela ukuba asebenzise nebinzana u-**kuphela** kumazwi esibhengezo sakhe. (1)

3.5 Gqibezela iqhalo elifumaneka kwesi sibhengezo-ntengiso elishiyelelweyo. (1)

3.6 Loluphi udidi lwabantu alunokukwazi ukuyithenga le mveliso? Xhasa impendulo yakho. (2)


3.7 Ucinga ukuba uphumelele umthengisi ukukhuthaza abathengi ukuba bathenge le mveliso. Xhasa impendulo yakho. (2)
**[10]**


Hosted by www.ecexams.co.za.

## UMBUZO 4: UKUCAZULULA IKHATHUNI

Funda le khathuni ingezantsi uze uphendule imibuzo esekwe kuyo.

### ISICATSHULWA E




[Icatshulwe kwi-intanethi www.zitscartoons.com, yaguqulelwa esiXhoseni yaze yahlelwa]

4.1 Babonakala bephi aba bantu bakule khathuni KWISAKHELO-1? Xhasa impendulo yakho. (2)

4.2 Senzo sini esinokwenza ukuba ingakholeleki impendulo kaSenzo ayinike KWISAKHELO-2? Xhasa impendulo yakho. (2)

4.3 Xela izijekulo zibezibini EZIKWISAKHELO-3, ezibonakala kumama notata kaSenzo. (2)

4.4 Ukujonga phezulu kwiintshiyi zakhe uSenzo kuveza ntoni ngeengcinga anazo KWISAKHELO-3? (1)



Hosted by www.ecexams.co.za.

4.5 Khetha impendulo echanekileyo kwezi zilandeleyo.

**Isizathu esibangela ukuba utata ajonge ntshoo emehlweni umama kaSenzo KWISAKHELO-5 kukuba**:

A Ucinga ukuba ancedise uSenzo emsebenzini wakhe wesincoko.
B Ucinga ukutsalela uTitshala kaSenzo umnxeba, abuze ngesi sincoko.
C Ucinga ukuba uSenzo makube ubhale ngabo kwisincoko sakhe.
D Ucinga ukubiza umfundisi wasecaweni kuthandazelwe uSenzo. (1)

4.6 Shwankathela umyalezo oqulethwe yimpendulo kaSenzo nenkangeleko yabazali bakhe KWISAKHELO-6. (2)
**[10]**



Hosted by www.ecexams.co.za.

## UMBUZO 5: UKUSETYENZISWA KOLWIMI NGOKUCHANEKILEYO

Funda ISICATSHULWA F, uze uphendule imibuzo esekwe kuso.

### ISICATSHULWA F

**"NGAPHANDLE KUKA MAKHULU WAM NGENDINGEKHO APHA" KUTSHO OPHUMELELE ISIXHOSA**

1 UEmihle Yeki oneshumi elinesithandathu leminyaka obengumfundi enyanga High School eNgcobo, ophumelele ulwimi lwesiXhosa ngo 100% kwiPhondo leMpuma Koloni liphela kwiziphumo zebanga leshumi zango 2023, uthi isiXhosa usincance kuMakhulu wakhe uNolungile Yeki kwakunye notatomkhulu wakhe uVictor Mfedeyiyana nanjengoko ekhuliswe ngabo. UEmihle wenze kakuhle nakwezinye izifundo zakhe kodwa kwisiXhosa ugqwesile.

2 Umama wakhe u**ngumsebenzi** kwidolophu yaseKapa eNtshona Koloni eyakuzamela uEmihle nodade wabo oku Grade 5. UEmihle welali yaseBlai kuManzana eNgcobo nobehlala ngaphakathi esikolweni,uthi waye wahlala phantsi wazihlel**ela** ixesha lakhe azakuthi afunde ngalo kwaye uthi zonke izifundo zakhe ezinika ixesha elifanayo engakhethi esitheni.

3 Lo mfundi uthi ukuze azimisele kwisiXhosa kukuba ebesoyika ukuphula isiNgesi emagqabini isiXhosa sishiyeke ngasemva. UNolungile okhulise uEmihle, ulilile ngethuba ethetha neSolezwe esithi uyavuya kuba umzukulwana wakhe ngowokuqala ukuphumelela kanje nangona enabanye abazukulwana esele <u>baphumelela</u> nabo kuGrade12. Mna ndibawela enze izifundo zobuGqirha, abenguGqirha qha kaloku umntwana awunokumkhethela into ayirhalelayo. **Kodwa ndimnqwenelela okuhle nakule azakuyenza noba andiyazi** utshilo uNolungile. UEmihle uzakwenza izifundo zeActuarial Science kwi Yunivesithi yase Kapa eyaziwa ngokuba yi UCT.
Inkulumbuso yePhondo leMpuma Koloni uOscar Lubabalo Mabuyane **ubaqhwabele izindla** bonke abafundi abenze kakuhle ekwakhuthaza abo bangenzanga kakuhle, esithi mabayazi ukuba ayikokuphela kobomi, kwaye banamathuba okubuyela esikolweni. ISebe lezeMfundo eMpuma Koloni liphucukile nakulo unyaka, lize no-81,4% lisuka ku-77,3% kwezika 2022 iziphumo.

[Sibhalwe ngu Abongile Ginya@INL.CO.ZA Intatheli yephephandaba I`SOLEZWE lesixhosa lomhla 25-31 eyoMqungu 2024, saze sahlelwa.]

5.1 Lungisa isiphene sobhalo esifumaneka kwisivakalisi sokuqala kwisicatshulwa F. (1)

5.2 Nika isithethantonye segama "ugqwesile" elikwisivakalisi esingezantsi.

Wenze kakuhle nakwezinye izifundo zakhe kodwa kwisiXhosa **ugqwesile.** (1)



Hosted by www.ecexams.co.za.

5.3 Caphula isimnini kwesi sivakalisi singezantsi:

UMama wakhe ungumsebenzi kwidolophu yaseKapa eyakuzamela uEmihle nodade wabo oku Grade 5. (1)

5.4 Xela ukuba sikweliphi ixesha isenzi esikrwelelwe umgca ngaphantsi kumhlathi-3 kwisicatshulwa F. (1)

5.5 Bhala isivakalisi usebenzise igama **ngumsebenzi** elibhalwe ngqindilili kwisicatshulwa, linike enye intsingiselo engeyiyo le ikwisivakalisi. (2)

5.6 Xela ukuba isimamva sesixando sisetyenziswe saphuhlisa ntoni kwisenzi esikuso kwesi sivakalisi silandelayo:

Wahlala phantsi wazihlel**ela** ixesha azakuthi afunde ngalo ... (1)

5.7 Khetha impendulo echanekileyo kwezi zingezantsi zilandelayo, nezitolika isenzo seNkulu-mbuso yePhondo xa kusithiwa:

**... ubaqhwabele izandla** ... kuthetha ukuthi:

A Ubaculele eqhwaba izandla ngokunga usenkonzweni/ecaweni.
B Ubaheshile ebonakalisa udano kukungaphumeleli kwabo.
C Ubancomile evuyisana nabaphumeleleyo.
D Ubafake impama ebusweni ebaqhwabela ukungaphumeleli. (1)

5.8 Guqula esi sivakalisi sibhalwe ngqindilili nesifumaneka kumhlathi wesithathu kwisicatshulwa F, sibe kwingxelo-ntetho.

Siqale ngolu hlobo: uMakhulu uNolungile uthi ... (2)
**[10]**

**AMANQAKU ECANDELO C: 30**
**AMANQAKU EWONKE: 70**



Hosted by www.ecexams.co.za.